# UTroy undwendwela ezilalini

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Umakhulu uthini xa ebiza umntwana womntwana wakhe?
2. Khetha phakathi kobomi basedolophini nobasezilalini. Xela isizathu.

UTroy nomama wakhe bavuka kwakusasa baya kukhwela iteksi.
Umama kaTroy ukhapha unyana wakhe umsa kwiiholide zehlobo ezilalini.
UTroy unemincili uza kubona umakhulu wakhe amgqibele kudala.



EXTRACT PAGES

Ukuba ibinguwe ubuzoziva kanjani usiya eholideyini?



Nanko umakhulu esiza encumile evuya esikhawulela ngasesangweni.
“Molweni bethuna, molo mzukulwana,” ubulise evuya endanga umakhulu.
“Molo makhulu, unjani kodwa ngempilo?” ubuzile uTroy.
“Ndiyaphila mzukulwana wam, kumnandi ukunibona,” uphendule watsho umakhulu.

Cacisa ukuba ngubani umntu obizwa makhulu?



EXTRACT PAGES

Amawele uLisa noLikhona babekhona nabo ngale mini.
ULisa noLikhona ngabazala bam abahlala nomakhulu apha ekhaya.
Kube mnandi ukubabona belapha basiphathisa iibhegi zethu bazingenisa endlwini.
Umakhulu upheke isidlo sasebusuku esimnandi satya sonke sahlutha.



EXTRACT PAGES




ULisa noLikhona ngab_____ bakaTroy. Gqibezela.

Umakhulu nomama bavuke kusasa kakhulu baya kukha amanzi.
Babeye kuwakha emlanjeni okudana nalapha kwamakhulu.
Babuye bethwele iiemele entloko amagxa kamama emanzi.
Kuyacaca ebeyizalise kakhulu iemele aze amchithela amanzi.



EXTRACT PAGES

Chaza ukuba ayekhiwa phi  amanzi kwamakhulu?



Emini enkulu sihambe nomakhulu ukuya emlanjeni siye kukha amanzi. Sasikhaphe umakhulu ingamawele kunye nam siphethe ezethu iimbombozi. Umakhulu yena ebephethe i-emele yakhe.

EXTRACT PAGES

Ubuza kuziva njani ukuba nawe ubundwendwele phaya kwamakhulu?



“Khawundinike nam makhulu ndikhelelele amanzi,” utshilo uTroy.
“Awu! Mzukulwana uza kukwazi kodwa? Yeka noko sendiza kugqiba.”
Umakhulu uqhubeke nokubakhelela amanzi wade wagqiba, bagoduka.

Ngubani ebefuna ukuncedisa umakhulu?


EXTRACT PAGES



Emva kwemini sancedisa umakhulu ukunkcenkceshela izityalo ngamanzi.
La ngamanzi ebehlamba ngawo imifuno, khange awalahle.
Sifike umama ebilise amanzi ukuba sihlambe imizimba yethu.
Kaloku xa silapha sihlamba emalanga emva kokuba siye kukha amanzi.

EXTRACT PAGES

Umakhulu usebenzise awaphi amanzi ukunkcenkceshela izityalo?



EXTRACT PAGES

“La asetankini amanzi ngawokuthini, makhulu?” ubuzile uTroy.

“Xa sinxaniwe sikha amanzi etankini kaloku ngawemvula,” utshilo umakhulu.

Umakhulu ufake isefu empompeni yetanki ukwenzela ukuthi amanzi acoceke.

Jonga umfanekiso, linjani ngombala itanki lamanzi likamakhulu?



Umama ndiyakona ulungiselela ukuhlamba iimpahla zethu sonke. Usebenzisa la manzi besiyowakha emlanjeni, wona alungile nokuba awabiliswanga.
Ibhafu enogwebu yeyokuhlamba iimpahla, eyesibini yeyokupula uye kwaneka.

Cacisa ukuba kutheni umama esebenzisa iibhafu ezimbini ukuhlamba impahla.

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Sigalela amanzi kwisitya seenkukhu,
sigalelela neebhokhwe ezityeni zazo.
Kaloku nazo ziyanxanwa njengathi aziceli
kuba azikwazi ukuthetha.
Sisebenzisa la manzi asemlanjeni.

Biza amagama ezilwanyana ozibonayo kulo mfanekiso.



EXTRACT PAGES

Ngamanye amaxesha kuye kufike ilori enkulu izise amanzi.
Abahlali bema emgceni omde belindele ukugalelelwa amanzi.
Bagcwalisa iimbombozi namabhakethi abo balayishe ezikiriveni bagoduke.

Balisa ngokwenzekayo xa kufike ilori.



EXTRACT PAGES

Xa kusina imvula akhongozelwa ngeefatyi nemigqomo amanzi.
Ndiyakuthanda ukundwendwela umakhulu namawele. Siyafunda ngokudlala.

Yintoni umsebenzi weefatyi?